U-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo

INGUQU KUMANDLA, INGUQU KUMZANTSI AFRIKA

CLIMATE JUSTICE COALITION

WE FIGHT CLIMATE CHANGE

350Africa.org

Apha eMzantsi Afrika siyazi ukuba u-Eskom, ijelo lombane lesizwe sethu, utshone akavelanga nangonwele kumhadi weengxaki. Eli phulo lika-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo i-*Green New Eskom* liguqula u-Eskom ekubeni ngumhohoma womthwalo emagxeni esizwe nasekubeni nguyena mngcolisi kweli lizwekazi, abe lolona lutho lwesizwe nomlweli wobulungisa kwitlayimeti.

Ingxaki: Amaziko amadala oveliso lombane ka-Eskom angathembekanga nangabangcolisi abasebenzisa amalahle, ngawo la athe gqolo ngokusiphosa esithokothokweni sobumnyama, oko kukuthi, ngokumana kucinywa umbane nangokuphungulwa kwawo. U-Eskom waba esoloko edada enzonzobileni yorhwaphilizo, into leyo emtshonise zwabha ematyaleni, yankqenkqezisa nokunyuka kwamaxabiso ombane, aza ke njalo akhuthuzeka amawaka-waka ezigidi, izikhwama zasala zibetha umoya.

Xa ejongisiswa kakuhle u-Eskom ngoku, kunzima ukumbona yena eyinxenye yamalinge ezisombululo zeengxaki zethu, ngaphandle kokuba eyeyona ntsusa yazo ezi ngxaki. Kunzima ukumbona u-Eskom eyenye into engesiso isilungulela, ummfimfithi weepokotho zabarhafi, futhi engenguye noyena ubeka uqoqosho lwethu kunye nendalo esingqongileyo kowona mngcipheko umasikizi ngokungathethekiyo.

Isisombululo: Angaphuculeka u-Eskom, akwazi ukuba ngobonelela ngamandla afikelelekayo, athembekileyo nacocekileyo, nokuba abe ngu-Eskom okhokelela kwinguqu yamandla avuselelekayo nasezandleni zoluntu kwixesha elizayo, axhobisayo nalulutho kubahlali, kubasebenzi, kwaboshishino nakubo bonke abemi boMzantsi Afrika.

Lo Eskom uneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo akayonto inokwenzeka nje kuphela, koko ukwabaluleke kakhulu. Asinakuze sikwazi ukuba siqinisekise ngekamva loMzantsi Afrika elinenkqubela nozinzo engakhange alungiswe u-Eskom. Lo ke ingangowona msebenzi mkhulu nobaluleke kakhulu ekumilisweni koMzantsi Afrika olulutho kuluntu lonke.

IPhulo: Iphulo lika-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo ligxininisa imfuneko yokuba kubekho inguqu ekhawulezileyo nenobulungisa eya kudala uqoqosho olusezandleni zoluntu, noluqiniswe ngamandla avuselelekayo, nolubonelela umntu wonke ngamandla acocekileyo, anokhuseleko nafikelelekayo, kungabikho msebenzi okanye abahlali abashiywa ngasemva.

Iphulo lika-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo yiprowujekthi ye-*Climate Justice Coalition* – imbumba yaseMzantsi Afrika yemibutho yoluntu ngokubanzi, esekuhlaleni, imanyano zabasebenzi (iiyuniyoni) neyabahlali. Ezi zinikilwazi ziqulunqwe ngumbutho oyi-350Africa.org, ngobambiswano nale mbumba.

Ukuba ufuna ukufunda ngokunye okuthe kratya ngo-Eskom oneNtelekelelo eNtsha ngeNdalo nokusayinela inkxaso, ungaya ku-*GreenNewEskom.org*

Iindlela Zokuthatha iNxaxheba ekuwineni u-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo

Ikamva lika-Eskom yeyona nkalo iphambili ngokruthakruthano apha eMzantsi Afrika. Ubanjwe ngobhongwana ngamaxhalanga angoojongichele abaza kuvuna izigidigidi ngokuqhuba ngotyhuthula, ngokungcolisa nangokudlakazelisa ikamva lethu. Ngoko ke kuya kufuna into engaphaya kweleta ebhalwe ngokuthambileyo ukuwina u-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Sisedabini lokukruthakruthana ngekamva lelizwe lethu, into ke leyo eya kufuna ukuba sisungule intshukumo enamandla ngokwaneleyo ekuzabalazeleni inguqu.

Kuya kufuneka ukuba abantu abaphuma kuzo zonke iinkalo zobomi badibanise iintloko ngelokuwina u-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Siyathemba ukuba uya kusijoyina ekulweleni u-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Nazi ezinye zeendlela onokuthi uthathe inxaxheba ngazo.

Sayinela ukunika inkxaso: Kwiwebhusayithi yethu engu-*GreenNewEskom.org,* ungangena usayinele ukunika inkxaso kweli phulo, inguwe nje wedwa okanye ningavakalisa inkxaso yenu ningumbutho. Ngokwenza njalo ubonakalisa ukulixhasa eli phulo, futhi ungakhetha nokuba umana usaziswa ngokuqhubekayo kweli phulo.

Shumayela ngalo: Kufuneka sisungule intshukumo sigaye abantu abaninzi bokunika inkxaso ku-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Indlela onokuncedisa ngayo ekushumayeleni ngeli phulo, ingaba kukudlulisa umlomo ngeWhatsApp, ngamajelo eendaba zasekuhlaleni i-social media ukutsho okanye nge-imeyili. Zikhona iilinki zokudlulisa umlomo ziyafumaneka kwa-*GreenNewEskom.org*.

Ukuphalaza uluvo: Uluvo lwakho luvakalise ngosiba lwakho, ngekhibhodi yakho nangamagama akho. Bhalela okanye tsalela iphephandaba lendawo ohlala kuyo, ibhlogu okanye/kunye neziko losasazo, uphokoze izimvo zakho malunga nokuba kutheni sinemfuneko ka-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Ukuluvakalisa uluvo lwakho kubaluleke kakhulu ekugayweni kwenkxaso nasekwandiseni ulwazi ukuze ifumaneke impumelelo yekamva elinamandla anobulungisa.

Zifundise, wena nabanye: Uyakufuna ukuba nolwazi oluthe kratya ngentsingiselo ka-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo? Yiya kukroba ku-*GreenNewEskom.org/learn*. Apho ke uya kufumana iphephankcazo, incwadana, iiphodikhasti, amanqaku nezinikilwazi ezinokuthi zikuncede uyiqonde bhetele imicimbi, uze ke ushumayele.

Zibandakanye nogayo lwenyambalala: Siceba ukuqulunqa ugayo lwenyambalala oluza kuluthathela ingqalelo ukhuseleko kwiCOVID, phaya kwisithuba sikaSeptemba 2021. Siyawalangazelela amaqela enkxaso nabantu ukuba bajoyine, bafundise bashumayele futhi ngalo. Uya kumana usaziswa ngokuqhubekayo usakuba ukusayinele ukunika kwakho inkxaso ku-*GreenNewEskom.org*

Qhagamshelana nabenzizigqibo: Sifuna ukuba abenzizigqibo kwa-Eskom nakwarhulumente mabayazi into yokuba abantu bayalixhasa iphulo lika-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Kufuneka sibagqatse iinyawo emlilweni, sibatyhale. Khangela ke ukuba ungaqhagamshelana njani nabenzizigqibo bakho ku-*GreenNewEskom.org/contact*

Ququzelela indibano yocweyo: Ngaba uyinxenye yombutho okanye yeqela lasekuhlaleni elifuna ukwazi ngokuthe kratya ngo-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo? Ke, ququzelela ukuba nendibano yocweyo (workshop), nokuba kungoqhagamshelwano lwekhompyutha kwi-online okanye olobuso ngobuso – ukuba iyavuma imeko yeCOVID. Sitsalele ukuba unqwenela uncediso ekuququzeleleni iindibano zocweyo ezo.

Ugwayimbo okanye intshukumo yovakalisonkcaso: Amaqela amkelekile ukuba angaququzelela ezawo iindibano okanye izenzo zovakaliso lwenkcaso okanye amana ethumela izinto zobugcisa, ezifana nemizobo ezibonakalisa inkxaso yawo yephulo lika-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo. Sikukhuthaza ukuba uyithathe inxaxheba, nokuba yejolise ku-Eskom, kurhulumente okanye ekwenzeni izinto zokutsala iingqondo zoluntu.

Ngaba umtsha ekuququzeleleni okanye emzabalazweni? Ungafunda lukhulu malunga nokuququzelelwa kweendibano zocweyo, ngokubhalela amajelo eendaba, nangokuququzelela iindibano zovakaliso lwenkcaso ku-*trainings.350.org*

Ngaba unazo ezinye iimbono malunga nokuwina u-Eskom oneNtelekelelo eNtsha kwiNdalo okanye unqwenela ukukhe uqhagamshelane nathi? Ke, sithumele umyalezo ngokusebenzisa laa fomu yoqhagamshelwano ifumaneka ku-*GreenNewEskom.org*